

SITHETHA UKUTHINI XA SISITHI **#PEOPLENOTPROFIT** (#ABANTUABANGENZINZUZO) KWAYE INANTONI NOKWENZA NOBULUNGISA BEMOZULU?

Ukufumana ulwazi oluthe kratya malunga nokutshintsha kwemozulu kunye nobulungisa bemozulu, yiya ku africanclimatealliance.org/resources

UKUTSHINTSHA KWEMOZULU KUYENZEKA NGOKU.

OKU AKUTHETHI NJE UKUBA KUYA KUBA SHUSHU NGAKUMBI, UKUBA KUYA KUBAKHO IZIGANEKO ZEMOZULU EZIQITHISILEYO, KWAYE AMANQANABA OLWANDLE AYENYUKA. IKWATHETHA:



UKUNGAKHUSELEKI
KOKUTYA.



UKUNGAKHUSELEKI
KWAMANZI.



UMONAKALO
KWEZOQOQOSHO KUNYE
NOKULAHLEKELWA
UMSEBENZI.



UKULAHLEKELWA
NGAMAKHAYA
NEMISEBENZI.



UNGQUZULWANO
LWENTLALO.



IIMPEBELELO ZEMPILO
YENGQONDO KUNYE
NOMZIMBA



UKUPHAZAMISEKA
KWEMFUNDO



UKUPHULUKANA
NOBOMI

YIYO LOO NTO UKUTSHINTSHA KWEMOZULU KUNGUMBA WAMALUNGELO OLUNTU!



IMOZULU
ETSHINTSHAYO
IBANGLWA:

Izenzo ezinjengokutshiswa kwamafutha efosili (amalahle, i-oyile negesi), ecaleni kwezenzo ezinjengokugawulwa kwamahlathi kunye nolimo lwezityalo kunye nezilwanyana




YEYIPHI ENYE INTO ABAFANA NGAYO BONKE ABA NOBANGELA BOKUTSHINTSHA KWEMOZULU?
BAYINXALENYE YAMASHISHINI AMAKHULU UKWENZA INZUZO KUBANTU
ABAMBALWA ABAPHEZULU NGELIXA ABANYE ABANINZI BEHLUPHEKA!


KULAPHO I #ABANTUABANGENZINZUZO (#PEOPLENOTPROFIT) INGENA KHONA!

NGENXA YOKUBA, IXESHA ELIDE AMALUNGELO KUNYE NENTLALO-NTLE YABANTU ZIYE ZABEKELWA BUCALA NGENJONGO YOKUDALA UBUTYEBI KWABAMBALWA.

INGABA LENTO ITHETHA NTONI?



“Oku kudale inkqubo ephatha abantu kunye nemithombo yethu yendalo njengento enokulahlwa, ekhokelela kwiingxaki ezininzi ezidibanisayo: ukusuka kukungalingani kwemivuzo, ukuya kwintlekele yemozulu.”



XA SISITHI #PEOPLENOTPROFIT (#ABANTUABANGENZINZUZO)



SITHETHA UKUBA AMALUNGELO ABANTU KUFUNEKA ABEKWE KUQALA KWAYE ISIPHELO KUFUNEKA SIBEKWE KWIZENZO ZOKUXHAPHAZA EGAMENI LOKUNYOLUKA KUNYE NENZUZO.



KWI NQANABA LENDAWO:

KWAYE

Oku kunokujongeka njengenkxaso-mali esisiseko yengeniso, izindlu ezifikelekayo ezikhathalela indalo esingqongileyo, amandla ahlaziyekayo aphantsi koluntu, kunye nothungelwano lokutya loluntu. Umongo welizwe ngalinye e-Afrika ungajongeka ngokwahlukileyo.



KWI NQANABA LEHLABATHI:

Kuthetha ukusebenza ukuqinisekisa ukuba amazwe aphuhlileyo abonelela ngenkxaso-mali kwihlabathi lesithathu kunye nezizwe ezisaphuhlayo ngendlela yokulungiswa kwemozulu. Imbuyekezo esetyenziswa elubala kwaye inokubeka abantu phambi kwengeniso, kwaye ingasetyenziselwa ukutshintshela kwiinkqubo ezinzileyo kunye noqoqosho.